

Imvo Zabantsundu

(NATIVE OPINION.)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

IXABISO 3d.] KING WILLIAMS TOWN, NGOLWESI-NE, AUGUST 21, 1890. [No. 301

KING WILLIAMSTOWN ADVERTISEMENTS.

EKA GRAY

KING WILLIAMSTOWN ADVERTISEMENTS.

IXESHA LO MCHEBO!

Beauchamp, Booth & Co,
(EBIYEKA J. J. IRVINE & CO.)

Eyona venkile yengubo ezilungileyo, nezitshipu edolopini apa.

Ihempe zamadoda ezinamaqosha e perile 1/6 inye. Ibhulukwe ze stofu 3/, 5/ inye. Ibhathi zamadoda 5/, 6/9 inye. Ibhathi ze twidi emnyama 15/, 18/6 inye. Ibhulukwe ze kodi egwangqa ezilungileyo 7/6 inye. Iminqwazi yamadoda eyi Soft felt 1/9, 2/ umnye. Ityali zoboya 5/, 6/, 7/, 8/ inye. „ „, ezilunge kwayekwa 10/, 12/6, 15, 18/, 20/ inye. Iprinti (ezimabala), i pattern 6d., 7/d., 9d. iyadi. I Winzi zohlobo 6d. ngeyadi. Ikeleko 2/d., 3d., 4d., 5d., 6d. ngeyadi.

Ilokwe Zokutshata, Iminqwazi Yoku-tshata, YONKE Impahla Yoku-tshata.

BEAUCHAMP BOOTH & co.
E-QONCE, KING WILLIAMS TOWN.

Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekile'zitemgeni ko

BOURKE no MARSH,

E Nyutawini nakwisitalato esipambi kwe ofisi ngase mcantcatweni.

GRAHAM'S TOWN ADVERTISEMENTS.

BON MARCHE

[Apo Kutengiswa impahla entle ngamanani angemakulu],

GRAHAM'S TOWN.

Saneke Ityali ezitshipu kanye, ifishini ezona zintsha, ziqala kwi 3/- inye. Ikaliko Emhlope ne Brown, iqala 2/d. yd. Amicako etungelwa kwi Blanket, iqala 4/d. yd. Ezona Ntlobo zintsha ze Print, 3d., 4/d., ne 6d. yd. Iqiya ze Keshemiya. Ezimnyama nezamanye amabala 1/- inye. /blanket zoboya ziqala 51- inye. Amabhayi 2/- ilinye; i Cotton Sheets 1/6 inye.

YONKE IMPAHLA YABATSHAKAZI!!!

I Dress zenziwa apa, ngezona ndlela zigqitiseleyo, yi Ledisand' ukuvela e-England.

INGUBO ZAMADODA.

IBHULUKWE ZE KODI, ziqala 5s. inye. IBHATHI ZE KODI, ziqala 10s. inye. IBHULUKWE ZE STOFU (Tweed), ziqala 2s. 11d. inye. IBHATHI ZE STOFU, ziqala 6s. inye. ISUTI Emhlalayo umfana ifishini entsha, 21s. IHEMPE, 1s. inye.

kutenga apa ngokwalatiswa yi " Mvo" maze akuxele oko. Ukuba utenge ngexabiso eligqite kwi ponti emye (£1) uyakubuye ayinikwe isheteni ngeponti nganye.

JOHN: W. BAYES & CO.,
Kwi Kona ye Bathurst Street ne Church Square,
GRAHAM'S TOWN.

Incindi Epitikeziweyo

LINSEED NE

HOREHOUND.

Lelona Yeza le NKOHLOKOHLA INGQELE, nazo zonke Izikhulane zo MQALA ne MIPUNGA.

1/6 NGEBHOTILE.

2/. LITUNYELWE NGE POSI.
Ngamanani Nanganye kwa

P. GRAY, Chemist and Druggist,
CAMBRIDGE ROAD,
KING WILLIAMS TOWN.

ABAZELWEYO.

NTSIKO.—E Pretoria nge 21st July, 1890, Inkosikazi ka REV. H. NTSIKO ibeleke Intombi. 3i448

ROSE-INNES—Kwi "Manse" e Qonce kusasa ngo 29 July, 1890, u Mrs. R.

W. Rose-Innes, ubeleke Unyana. 3i21890 "

IMIBIKO.

MOKONE—Ngokhulwa kolwesi-Hlanu, ngo 16 May, 1890, e Hans Makapanstad, Transvaal, kubhubhe u OWEN MAAKA, unyana ka Mangena Maaka no Mamapula Dorothea Mokone, ubudala zinyanga ezine, nentsuku 26.

MOKONE.—Nge Cawa kusasa ngo 27 July, 1890, e Kilnerton, Pretoria, S A. R., kubhubhe u MAMAPULA DOROTHIA, Inkosikazi esitandwa ka Mangena Maaka Mokone, umfundisi wase Wesile. Ubudala, iminyaka 22, nenyanga 2, nentsuku 26. 3i218

Wanted a Situation.

BY a respectable young man (age 21 years) as INTERPRETER in any MAGISTRATE'S OFFICE in the Colony or the Transkei. Good references. Apply to GEO. MOLI, care of Mr. Hannie, Port St Johns.

IPEPALABANTSUNDU

NANTSO into obukade uyifuna umzi ontsundu ! Tina abamagama abonakalayo ngapantsi, sicela umzi ngentobeko ukuba usinike izandla, sifuna ukushicilela Ipepa Lendaba lesi Xhosa, eliza kupuma kabini ngenyanga. Igama ngu

" Mhlobo wa Bantsundu."

Umrumo 88. ngonyaka; 2s. ngenyanga ezintatu. Elopepa lelenteto yesi Xbosa, nenteto yesi Sutu izakubako ukwenzela abazi lonteto kwapela. Liza kushicilelwa ekaya e Queenstown ngo ISAAC MOTAUNG and Co. Elipepa ikakulu lizakuba namazwi Ezibhalo ukuncedisa Izikolo zabantsundu ze Cawa, abakulu nabancinane, ititshala zifundise lula. Sicela umzi ukuba ulamkele. Ukuba asifumananga inani elihle lokulamkela kwisituba salenyanga u August 1 ukususela kumhla we 25 de kube kowe 25 September, sibona abamkeli bengeni, sobuye siwazise umzi, ize iti nemali ebiseliko siyipindisele kubaninyo msinya. Ukuba inani lanele ipepa lokuqala lobonakala ngo October, 1890. Bonke abatumela imali bangatumela ngezitampu zepeni nange P. 0-Order, batumele egameni lo Isaac Motaung and Co. e Queenstown. Siya kuhlala sicopele ukwamkela incwadi zamawetu akwindawo ngendawo, amanene namanenekazi. Enzani umtsi ubemnye naso isisulu. Siyapela, siti,

ISAAC MOTAUNG & CO,
KO-TITSHALA.

KUFUNWA U Titshala we Sikolo ease Tshatshi Emacibini. Umntu otshatileyo okwaziyo ukuhambisa umbesho nentshumayelo nge Cawa ; nmntu ololuhlobo uyafunwa kakulu. Umvuzo ngamashumi amane eponi ngonyaka, nomhlaba wokulima. Abo bayifunayo londawo mababhalele ku

REV. M. A MAGGS, 3i49
Bolotwa, Imvani.

OWALAHLEKAYO.

UNYANA w.m, ogama lingu SINDAFI, mhlaimbi LOLI RIET, iminyaka isibhozo walahlekayo. Bhalala kwi Mvo.

PHILIP RIET, Jansenville.
August 9, 1890. i218

DYER-DYER

EQONCE, KING WILLIAMS TOWN. Bafikelwa yinto eninzi yenipahla ukongezelela kwebihleli iko.

INGUBO EZINTSHA,

ZABANTSUNDU KANYE, (Ngo Stemele bonke).

QONDANI:—Itshipu Ngakumbi

Ihempe zamadoda zokusebenza ziqalela kwi Is. Ihempe zamadoda zangapantsi ziqalela kwi Is. 3d. Isuti zezitofu ezinzinza ziqalela kwi 17s. 6d. Ibhathi zezitofu ezinzinza ziqalela kwi 9s. Ibhulukwe zezitofu ezinzinza ziqalela kwi 1s. londulubhatyi zekodi ZITSHIPU 2s. 9d.

Ezamadoda Ibhathi Zokwaleka Ezinzinza 8/-.

I-Ondulubhatyi ze-Lakani, 16.

I-Bhulukwe „ 2/-.

I-Bhatyi „ 2/-and 3 6.

Isuti, Ibhathi, ne Bhulukwe ze Diagonal Emnyama.

Isuti Zokutshata zipelele 38/6.

Iminqwazi emitsha, Izihlangu, Ibhathi Ezinkulu, Amaqhina, Izikafu, Ika-lala, Iblankete Nezibhalala, njalo-njalo.

Iondulubhatyi zezitofu 1/6.

Idyasi zemvula 8/6.

Ibhulukwe Eziluhlaza 2/.

DYER NO DYER,

KING WILLIAMS TOWN.

UFUNA elona xabiso lilungileyo nge NQHOLOWA

UMBONA, AMAZIMBA, nokuba ZITAPI- LE,

Ufuna IMBEWU ELUNGILEYO yokuhlwayela.

Ufuna owona MGUBO, nokuba zinkozo ezilungileyo zokutya.

Ufuna IMPAHLA yako ngentengiso nokutenga e Marikeni

TUMELA okanye UYE

KO

GILBERT FOX AND SON,
MARKET SQUARE,
KING WILLIAMS TOWN.

ALICE ADVERTISEMENTS.

WTMcGLASHAN&rcOZ

(MAGALA),

E-DIKENI.

BAHLAL A benezona mpahla zokunxiba zintsha ezona ntlobo zipilileyo ze Printi, i Satin, kwane Drillettes, ITYALI, IZIHLANGU, NE NGUBO?

Zonke Intlobo Zabatshatayo Kwesi Siqingata, Ngamanani alungele bonke abatengi. Impahla yabo ifika ngazo zonke iveki ezimbini; kengoko impahla yabo ihleli intsha ifika.

Ufuna into ezipilileyo, ngawona manani alula yiya kwa W.

McGLASHAN & CO., E-Dikeni.

Banika awona manani apakamileyo ngo BOYA IZI KUMBA, IMFELE, UBOYA BESEYIBOKWE njalo,' IZILIMO zitengwa ngamani ase Markeni.

GIBBERD & BRYANT.

BADWELISE

IMPAHLA ENTSHA!

IPRINTI EZINTSHA IZITOFU

ZELOKWE EZITSHA.

ITYALI! ITYALI!!

EZE 4/- ITYALI EZE 4/-

EZONA ZILUNGILEYO E QONCE.

ETYALI ZE KESHEMIYA, Amabalana onke.

IZIHLANGU NE SHUZI EZINTSHA.

INGUBO EZINTSHA.

GIBBERD & BRYANT,

E QONCE KO TITSHALA.

KUFUNWA Umfundisi Wentsapo ongu Mtshetshi, ometa Isisutu (ontsundu nokuba ngo mhlope), owoncedisa Ezinkonzweni. Umvuzo ngofanelekileyo. Oyifu. nayo wotumela ku REV. C. JOHNSON, St. Augustines, Rorkes Drift, Zululand.— 10it4990

Ihashe Elilahlekileyo.

NDILAHLEKELWE lihashi lam elifosi e Nyara ngo 12th July. Alilifupi kakulu, alilide. Ainauqina alo ayafana onke afun' ukuba gwanga-mhlope kancinane entla kwempupu ongewaqondi ukude. Awangapambili anentsimbi. Isingci asiqaulele sincinane; linekolwana ebunzi; indlebe yasekunene igqojoziwe; kwicala lekholo lomhlau liqal' isilonda. Xa likwelweyo liyatanda ukuyipakamisa intloko. Ondilandisayo makabhalele kud, nomvuzo.

ALEXANDER MSUTWANA, Wesleyan Mission School, 31218 Somerset East.

KUFUNWA.

UMBHEXESHI wamahashe, okwaziyo ukupata amahashe. Wowuqala umsebenzi ngo 1st September, 1890. Makabhalele atumele nezinqiniso zokuba unobunchatu, kananjalo uyawazi lomsebenzi.

W. N. GARDNER, 31218 Stutterheim.

EDWARD Y JONES,

(Obefudula ekwa Attorney R. W. ROSE-INNES.)

UNGU MTETELI-MATYALA,

Umbhali we Mvumelwano, no Mguquli-Magama Etaitile.

E KOKSTAD, EAST GHQUALAND.

ELIKA

ORSMOND IYEZA ELIKULU

LASE AFRIKA.

Yincindi yengcambu zemiti yelilizwe.

UMPILISI WEZILWELWE

Ezibangwa kungcola kwe Gazi, nokuba sihla bumini, ukule naan, kuba sihle ngayipina indlela, ezinjenge Hashe, izifo ezise Lufuleni, Ukujaduka, Ukuti nqi kwe sisu, Izifo ezise Mbilini. Ubutataka, liswela butongo, Ubutataka be ngqondo, Izifo zesi Fuba, nent' eninzi yezilwelwe sama Nkazana, nialo, njalo.

Kangela Enewadini abapilisiweyo nendlela elisetyenziswa ngazo, zibhalwe ngoa Ngesi, Jelimeni, si Bhulu nesi Xhosa.

Emva kokuli sebenzisa ixesha elide sale, namava amaninzi umninilo, uliyaleza nge-ngqiniseko eliyeza ukuba liyayi pilisa inkoliso yezifo zabantsundu base Afrika, kwa nale Fiva (cesina) yase Dayimani, kone kwesi sifo sabantu abamnyama liyi nqobo. Kawulilinge please, Litshipu, ibhotile zishelani zontatu, izele liyeza elinga tata intsuku ezilishumi. Ibhotele nganye ihamba nencwadi ene neto yesi Xhosa.

Lilungiselelwa umninilo kupela ngu

G.E. COOK,

KING WILLIAM'S TOWN,

Liyaku zuzwa kwinkoliso yaba gcini mayeza kuyo yonke Ikoloni.

IMVO ZABANTSUNDU (NATIVE OPINION).

KUSEKO abangekayifezi imfanelo yabo kwi Mvo ; esibacela ukuba basikumbule kwangalenyanga.

I *Cape Mercury*, ipcpa lama Ngesi lase Qonce, iti :—U Mr. T. A. King, obesakuba yimantyi e Ngqamakwe uyakungena kumnyadala wonyulo Lwendlu Yengwevu, kumjikelo wempumalanga. Unewowo eliyakutelela kuye ; waye ebefudula engum-desipile oshushu ka St. Sprigg. Kwezinyanga zigqitileyo, ubeke wangummi wase Johannesburg.

IRENE elaye lipeleke inkosi zakwa Zulu ukuya esiqitlne e St. Helena, libuya lisiti zisapile kakhule kona.

UMLUNGU wekontileki kuhlwe ombiwa kwelama Beshwana, unikwe iminyaka emitatu ngokungxwela isicaka sake esimvama ngepetofi. Siyarorelwa esosigwebo ! abamhlope yase Vryburg, abade babiza intlanganiso yokasichasa ngokuti sinzima.

INTOLONGO yase Rafu igqojozwe ngama-koxwa, kwapuma amatatu ngolwesi-Bini l. ugqitileyo.

UZIQUALA e Graaff Reinet nge Sabata egqitileyo intlanganiso zake zemvuselelo u Rev. Alex. McAulay.

KUKO isikalo ngokubiwa kwamahashe Emtata endle nase zitilini; ade asitoba ngobusuku obubini ekutiwa abive. Bati abakona abiva nga Batembu.

UQUALILE umzi ukuhlininikiswa kubalela.

UVOTO kumandla wase Somerset ne Bed. ford lokunyulwa kwelungu endaweni ka Sir Jacobus de Wet lumiselwe ukuba ngolwesi Bini lweveki ezayo, 26 August. Amadoda apambi komzi ngo Mr. G. M. Palmer no Mr. Hans Moolman.

UMDLALO apa omkulu abenawo ama Ngesi ngeziveki zimbini zidlulileyo e Qonce webhola yenyawo ube uesipumo sokuba i Qonce libe sentloko kwindawo ebezidlala. Kambe bekukupisana lemizi: Cathcart, East London, Grahamstown, Kingwilliamstown ne Port Elizabeth. I Qonce lidle indawo ezintatu, i Bhai 2, i Monti 2, i Rini 1, u Dalwe 0.

ABAHLAZIYI benteto ye Zibhalo Ezingcwele abebheleli e Qonce eziveki zimbini, basabuyele emakaya isituba senyanga ezintatu. Baqale ekuqaleni bakuti ga kwi Livilikus. Abafundisi abapatisiwe lomsebenzi ngo Rev. A. Kropf, D.D., Rev. Bryce Ross, D.D., Rev. E. J. Barrett, Rev. W. Philip no Rev. W. Rubusawa.

UMONGAMELI we Konferensi enkulu yama Wesile kwelama Ngesi nonyaka ngu Rev D. Moulon, olandelayo kuye ngamanani ngu Rev. Dr. Stephenson.

UMFUNDISI oyakongamela inqungqutela yabatunywa bentlanganiso zase Depente ezivoko elizweni cyakuba ngo July 1891, ngu Rev. Dr. Dalwe.

EZOCINGO ezifike nge-Cawa, zibalisa ngonogombe e India kwintili ze Gauges ekufe into eninzi yabantu, abanye basi ndiswa kukwela emifini, beshiya imizi yabo baba zezonto zixhokekeke apo intsuku ngantlanu bengasi nto pantsi kwempumlo.

NGOLWESI-HLANU lwegqitileyo kuwe inqwelo yase Transkei ngase Mgwali wakwa Ngqika, iluyishe umbona, kwafa ngoku welwa zingxowa umfazi nentombi abebekwele.

AMAXAUSO empahla apa ngo-Mgqibelo ngawola :—Inkabi yehashe £6 17s 6d; Imazi yehashe £5 5s.; Imazi zenkomo £5, kuse kwi £10 5s., usapokan £9 5s.

KUMANDLA wase Mkangiso kuko intokazi ebeleke intombi ezimbini, zinezinxhobo zombini, nenkwenkwe inezinxhobo ezitatu. Zipilile zombini intombi ezo Unina ube-nge-nakusindana kudluleyo kwabaaye abantu Ubesbenza yonke imisebenzi kwada kwangemini zokubapantsi kodwa.

UMZI uzijekela. Siva ukuba ngenye imini apa eba Tenjini malunga noma Cala, afika ugemwala etnakaya atadeda ebevela kuyitandazela.

Imvo Zabantsundu.

NGOLWESI-NE, AUGUST 21, 1890

Ipalamente Namampondo.

LUYANELA uluvo kweli ukuba Lama Mpondo makabe ntonye ne Koloni. Ongaba ubekutandabuza oko ngapambili, ingxelo yengxoko ebiko e Palamente ngelo iyakuwakwela lomantanda. Kanti ke lenteto iko nangapezulu ngapandle kwe Palamente, apo ungatika esiti umntu nokuba anyanzelwa ngemfazwe ama Mpondo ixesha lifikile ukuba nuwo abepantsi ko Rulumeni. Akuse ntsuku ke igqibe apo igqiba kona i Koloni, nangapandle kwama Mpondo. Kuyimfanelo yama Mpondo ke ukuba ahlale pantsi ayikangele lento aze abe nento ayenzayo ukupepisa umzi kwincitakalo engati iveliswe yimfazwe. Okwanamhla asisakulwenza olwetu uluvo; kwunele ukuba sivuse amawetu asema Mpondweni njengabo bawavela ububi.

INTLANGANISO YOTYWALA E-KAPA.

Abantu abantsundu bebenentlanganiso yenzelwe endlwini yesikolo sase S. Phillips ngokuhlwa ngowa 23 July 1890. Intlanganiso ibipetwe ngu Rev. Father OSBORNE, ote lentlanganiso asiyivo eyokuqala, enye indlela lento yatetwa nga Maxosa ecela ku Rulumente ukuba utywala mabungatengiswa pakati kwabo. Ke siti tina ukuba iyakuba ngabantu abambalwa abamhlope abaya kubhekisa ku Rulumente akayi kuyipulapula lonto, ke ngako oko ukuba abanye benu baya vuma ukuba utywala bungatengiswa Kuni, siyatamba ukuba lomteto uyakuma nani enilapa wamkeleni. Izicelo zabakuni abase makayeni enu, zivalila ku Rulumente.

U HON-A- WILMOT ute: Iyavuyisa lento betu yokuba ndibone abantu abahombe kangaka, benengundo, beliqela emnandi. Akukade ndisand' ukuvela kulamhlaba wenu, apo ndabona Amaxosa ekwele emahashini epetwe yinkosi u Kama, bem pambi kwe ofisi yase Xesi; abati bakubuzwa ukuba bayavumana, njengokuba inkosi yabo ivuma, ukuba utywala bomlungu bungatengiswa pakati kwabo bati—siyavuma sonke. Nakwezinye idolopu ndafumana kwalonto, yokokuba umngweno wabantundu ngowokuba kutintelwe utywala bomlungu pakati kwabo. Lomteto umisiwe kwindawo ezimbalwa e Natal, kwa Zulu, e Lusutu, e Johannesburg, apo kuko inkosi ezitetezi umzi ontsundu, kwezo-ndawo ke uquba kakhule. Ukuba ngoko nini bantsundu abazicelelayo, niya kwenzelwa isicelo senu, nkuba nite nangena ngecala letu, njengokuba u Mr. Chalmers enditemba ukuba niyamazi, kuba uzalelwe Emakoxeni, uyasazi Isixosa kakhule, uti: Ngamaxesha angapambili lomteto wawuyekyeka, basuka abantu baya nesonaqala ngokwonakala kusela, ngoku ke maugqinise kanye, mhlambi uvakupumelela kakhule. Sonke tina batunywa ngu Rulumente sibuya sizwi nye, sisiti kuyimfanelo ukuba kukutshiswa umteto ogimileyo owalela kutengiswa kwotywala kubantu Abantsundu; ngoko yilwani kunye nati, sinedisane, kwakuti ukuze kulunge niwe malunga nevoiti mvotele elocala enilbonayo ukuba lilunge, sonke nani nipumelele apa e oouth Africa. Ukuzo sidalwe ngu Tixo, abamhlope nabantsundu, ngoko masiyilwe lendawo kunye. Noko lomteto awunakukutshwa ngoku kuba kusalungiswa impato yelizwe, kuguqulwa impa- ngati kunganqaba ukuba lomteto ubeko nalapa e Kapa, kuba nizeke amaqayakazi, ke kunqabile ukuba umgcini nkanti ahluke oyena untundu neqeya. Kodwa isicelo senu siva kuhlwala, ekungati mhlambi siyakubavuba nibe ngabantu nibheke pambili nihlale ngoxolo nokwonvaba. (Kwadunywa. kwabeta wa izandla.)

U Father OSBORNE wasifundela imibuzo nempemulo zabantu ababebuzwa ngalamadoda ayetyunwe ngu Rulumente sahleka, saqonda ukuba inene lento iluluvo lomzi wonke Wakuti ontsundu osemakaya, sati ntizakowetu kulondawo, kupila nini, tina apa siyadakasa. Kanjako wati abauemibuzo mababuze. Wesuka u

NANTI wati: Vala inkanti zako mlungu, silapa nye tina akuko nokwamnye ozakuti akupuma apa atabate isitshixo ave kuvula inkanti, ikwangwe, isihlile ukuba size apa, size kuteta ngotywala bako obubalala tina. Unvanisile venzizwe kwangwe lonto ngaboin nbufuna ukusibulala kakade, vala inkanti. Ndiipume apa ndabona inkanti ivulive ndiya kuya kungenza mna ndisele. Vala inkanti. (Kwahlekwa, kwabeta wa izandla.)

U MCFIE NCOBO ute: Siyavuya, kanjako sibulela ukuba uti m'engokuba bebuziswe ngawe utywala, u'buye uqonde ukuba yintfanelo yako ukubususa Siyavuya, siyabulela uvuma nje ukubususa. Kanjalo ndinitemba ukuba nokuba kungayipina indlela, iko eyokuvula inkanti, ndingazi nokuba ingenzekana iko neyokumisa umteto wokuba bungatengiswa utywala ukuba e Natal, njalo, njalo, kumiswe umteto, nokuba lowo mteto uquba kakhule nakuti apa uyakulunga. Mawetu masivumelane ngazwinwe lokuba u Rulumente evumane ukusinceda simhlangabeze ngazwinwe sisiti—cital' citala!! cital!! tshabalalisa tshabalalisa !! tshabalalisa ! !! utywala pakati kwetu. (Kwadunywa. kwahU kwa, kwabeta wa izandla.)

DENYS MOLEFFE : Ndabona ndisemuciane kufika umlungu emisa inkanti pambi komzi wakuti e Lusutu ndandi liqaba ndingazi nokwazi ukuba kusisono na ukunxila oku. Ndabona amadoda esiya kusela ati akubuya afike enxile kubu gidi-gidi, esilwa, ebeta abaf nabantwana Ndaye ndibona niroku kute kata nabafazi, beshiya izindlu ?abo nako kusingwa kulenkati nabantwana' Bayabuya yeka, babalisele abanve ukuba lento nnnandi babuye benxilile bonke Mna, Wena betu lento imbi. Ndithe ndakuzi e Kapa nditanda kuhambela abahlolo bam ndihabizela etyarikeni ndike benxila beludaka bati asinakuzi etyarikeni kuba siyadakwa, singamadakwa. Kanti kutiwa kuko umteto onqanda ukutengiswa kwotywala nge Sonto. Inkanti zivulive bebiza, vizani.

YIZANI Ndithe ngaba uncedile Rulumente, okunye uze uwiugcise umteto lo. abantu akuti baphele ukufa butotywala. (Kwabeta wa izandla kwada kwaluzungu.)

JOSEPH MIKANE: Vala inkanti Rulumente umsebenzi ka Tixo awuhambi abantu bagqoboka babuye babuvela kwakona zininzi izihlolo zetu ezilahle? kileyo butotywala bomlungu

FRANK: Bantu bakuti niyavuvuma na lomteto? Nam ke ndiyavuvuma (kwahlekwa) JOHN SIKULUMI : Ndiminwaka elitoba ndilapa eKapa bendisela kakulu ndi ngatsho ukuti kukoomnve umntu'osela njengam. Ndabuyeka utwala ukuba bundibizeia ekufeni nabaningi bakiti bapelite. Singaduma Rulumente usisizile wanqanda utshwala obu kiti kungalu ngauvale inkantini ezi.

Batata ke nabafazi bantsundu ababeko bonke besiti vala inkanti Rulumente

Rev Father Osborne wasifundela isicelo esibhalwe sokusiwa kwi office of Assembly neye council. Wati masibhale amagama etu, sawabhalwa. Kwabhalwa namagama abantu abava kuxelela u Prime Minister imvo yomntu ontsundu ngotywala. Nanka amadoda ayayo-McFie Ncobo, Thomas ' Lewis Geni, Mark Mkoyu, Martin Zonas, Jacob Dyasi, William Lefula, Joseph

[AUGUST 21, 1890.

Mikane, James Mabula, Frederick Makubalo, Frank, Bernard Mizeki. Sobuye sixele inteto yalamadoda kwi Prime Minister kwipepa elindelayo.

Kwabulelwa Umgcini sikhlo, u Kev. Father Osborne; Honourable A. Wilmot, nombhali esibhalele ngenoteto yesi Ngesu Kwakutolika u Teacher no Thomas Peters ngokuncomekayo. Intlanganiso ibikumashumi asibhozo eyayo abantsundu kuko bembalwa abamhlope. yapuma intlanganiso ebe mnandi kunene.

UMPANGA KA HON. C. BROWNLEE.

E Qonce ngowe Sabata, 17 August, 1890, ngexesha lesiqingata sesihlanu kasasa, idulukile into ka Rhuluneli, ungokwamakowabo ama Ngqika. Kanjalo lomfo ka Rhuluneli ngum Ngqika ngenene. Ekukonzeni uvele kunve no Sandile oka Ngqika. Singati bawukonze kanye ka Ngqika. Ati ukumbaliSa amadoda akowabo ama Ngqika engene nge Yezembe embusweni ukuze ayikonze yomibini lomizi yakowabo—kuba ubeyindoda elumkileya intulo ematye mabini; ingu Rulumeni elinye ingu Ngqika elinye ilitye. Oka umzi uvele ngexesha elitabata kwimfazwe Yezembe. ukuba asiposisi, wahlukana nawo nge 1868 ukunvuselwa kwake kwisihlalo nokuba yi Mantyi e Somerset East apo lingekalityalwa igama lake ngempato vake epolileyo neyemfanelo kwabamnyama. Ngumfo skolwayo ukuba namhla kuko isililo esikulu akati kwenziwe —omhlope nomnyana, kuba uyi Mlanjeni, uyiwile eka Nongqause. uzilwele ngo Nongqause ukuba zingabanjwa . Uwenxe onke amalanga okuwkhuselela umzi ka Ngqika, waqala uwasekwalent ukuba kongaxhelwa, wati naxa sewumeyisile umzi wakowabo akawuncama, wawufela. Ngo 1871 unyusiwe kwisihlalo sobumantyi Somerset, wanyuselwa e Qonce apo ate aqgibe unvaka, walatela isihlalo sokuba ngu Mpatiswa. wabantundu ngu Mr Molteno ku Rulumeni wokuqala bakuba bepatiswe yi Nkosasana abeli umbuso. Upume kwesi sikhlo nenkulu yabo ngo 1878. Ngelixesha uphelelise yonke imigudu ukuhlambujula abantsundu waye umzi, usugutyungelwe bumfama nobutulu awazimkela kunacebo achi amakhulu namahle ate ke akabinanto ayisebenzayo. Epumile ekupateni umiselwe kubu Mnatyi obukulu e Kokstad ngo 1884 ngenxa enokungapili ade emva kokuya ubanzima obukulu, waqa wapunyuzwa kufaka oku sikubalisela umzi namhla. Siyakolwa ngwevu zakowetu zoke zenze amabali amnandi ngalomfo ka Bhuluneli ungu Iyalisi; kanjalo sova sive amabali omzi wonke ontsundu tshonela nduna uyazi ke wena. Umngowa 'Mvulo ube nabafulekileyo nakwakuba owakowetu ute awabiko yawo kyba ube ungazazi ezindaba ezayo inkonzo zihanjawa ; ngu Rev. DR Ross etyalikeni ve zi Kolshi yangu Rev. John Harper

engewabeni. Abalesi betu bayakumbula amazwi okugqibela awawabhekisa kumzi abewuzamela wakowetu, ayebhekiselele kwiramcwa utywala. Esilabata lamazwi okupela kulonteto sisiti bhize uwanamhla nmzi kuba ove engcwabeni lob' -zinikele ngawo :—

Le ibiyimini yokuyolela kwam, kuloko sendimnecwa emibini ndiyolele. Ngayo- lela ngencwadi ezimbini ezavela kwi Mvo *Zabantsundu* nase *Sigidimini* Enye iti—Hlabani umkosi iramncwa umzi uwubambile enye ibalisa ngeziganeko zeramcwa. Eye-sitatu yavela kwi *Sigidimi* ishumayela ipulo le Midushane, lipumela iramncwa. Nango umyolelo wam' , andina lizwi lumbi lakuyole- lela Sekusele ukuba ndivalalise nditi— salani kuhle lusapo Usum india abenam, am sikelele; ati umsebezi wmdnda zenu awumise pezu kwetu amipe uxolo. Mandisitele ke ngoku. Nase kustilemi, ndjse kwailanto bediyiyo ngeminyaka egqitileyo, ndise ngowenu ngenyaniso u C. BROWNLEE.

I Jubilee Singers.

[NGU R. B. M.]

Fzimvumi zabantsundu base, America sezineveki ezimbini ngale zifikele apa e Kimberley. Sibe netuba lokuya kupula-pula lemuvu yababantu e Queens theatre apho bavumela khona yonke imihla ngokuhlwa Mnumzethu sekuninzi okutetiweyo ngokuvuma ngokuvuma kwabantu ngoko ke asikokwe yilo elinje ngam ukucala calula imvumo yabo. Elinqata lithandwa kunene ngamadoda antundu i "Bass" Ixhanyulwa ngu Mr. McAdoo nge bass vake engumngaliselo ebumandni bungena kuxelwa, engqukuya ipolile, nditeta ukuba yinto ezi abantu bepuma babe benga abangepumi e theatre, namapepa endaba alapa asati unvumo enie nokuba yake yaviwana apa e Kimberley ngapambili ayikaviwa enje ngale.

Ke site sakuya ukuba ababantu bano-ninqweco wokunga bangabona abantu abantsundu ababupucuka beli lizwe, Ite ke lonto sakuyiva nakuba besiboyika sazimisela ukuba khe siyokubavelela e Queen's Hotel apo babeli kona. Siyile, ke singamadodana amane esite ukungena kulo hotele saqubisana u Mr. McAdoo omnci yena, ote akuya ukuba sizokubona bona, wasele sukela pezulu esirola esisa kwabanye ngapakati. Uqale wasingenisa ku Mr. McAdoo omkulu, i Manager, esifikeinqhenqhile ngenxa enokungapilisi, ute akuxcelelwa ngu mminawe ukuba naba abantsundu bezekumbona, upakame u Mr. McAdoo selencume esisikenkelele kade saxikixana nzima ngezandla ebuza imvelayi selesingxamecic kakubi. Sibuze indaba zezwe lake, ate ke wabeta ingongoma zodwa ngokusike naye angxamele kakulu ukunga angase eve ezeli letu. Usixelele ngezemfanano ukuba kwelo labo boyisile kuba lungeniwe ucango lwemfundo kwaye kungeko khete, sebenamashihini amakulu abantsundu, amagqweta namagqha yini kungati nelanga. Bishop njalo-njalo. Usiqwele nxa ati sekulo ne Jaji entsundu, exela nobuninzi bamapepa endaba

ahlelwa eshicilelwa ngabantsundu ngokwabo, utsho saqonda ukuba. sisemva xa sisoyiswa nakukuxhasa elipetshana linve letu *Imvo*.
 Simqubele ezemfundo kweli letu nangezive izinto, ate ke wazibika ukuvelana kakulu nati ngokucutswa kwetu imfundo kweli. Ude wati ukuze siqonde ukuba u Mr. McAdoo uyavelana nati wati " ukuba kuko amadodana antisundu afuna imfundo esitileyo angatanda ukuhamba naye ukuya kwelo labo lase America, angenza imigadu yake yonke ukwancedisa xa amadodana lawo enokumela kupela indleko ye "passage" yokuva kona qha, awoti ke akufika kona" awafunelle indawo yinto atsho saqekeka intliziyo ngumunyu. Nalo-ke icham madodana Nditeta kuba sekuko enye indodana eseyizimisele ukungaliveki evakuhamba naye.

"Sicela khe sibone amanekazi ahamba tawo, esite sakusiva kuwo safika ku-bantu abangati bebehleli besilindele kade ingebobubele besibungezela ngokusimangalisileyo, yinto esuke bahlutana ngati, into esuke yayinkohla kuti nokuteta nabo kuba basuke bapangelelana ukumxhabela elowu ukungela angateta nati yedwa. Nditeta ukuba souwabe sonke salahla imizimba—okuya besiyi sizibambile — site sisahlukana babanga, sasina nati asingehlukani, satembisana ukuba sobuye sibonane bavuma nabo. Akubanga mmandi nto inotixhelwa kwaba bantu ukusibona.
 Ke ngalo-Mqgibelo waleveki baceelwe ngumzi ontsundu walapa ukuba ngokuhlwa kwalomhla 16 Inst., benze invumo concert— bayenzele abebala labo (abantsundu) bodwa e Town Hall. Bavumile ke. Ngxatsho-ke mzi.
 Siyaleza kwamutet ukuba angaboyiki ababantu kwindawo abayakuti bazihambe kuba banomqngweni wokubabona abebala labo apo bakona. — Nalo ke undwendwe lomzi ontsundu.

ISIKOLO SASE GCUWA SENTOMBI.— Ngobusuku be 17 June esawula ngobusuku (utsho owayeko) enziwa kakulu amatilentele okugqiba iseshoni. Kwakulo umfundisi u J. Ncalo no Mr. John Vuso, ne Sibonda u Nonginya, nonyana omkulu ka Mazamisa noka Nohaya, no Mr. Vile, nempyi vase Tsomo; iqela lama Ngesi avela edolopini laliko, zacula intombi zetu zikokelwa ngo hadi olushukunyiswa yitishalakhali yalo, nokufihlelwa kwaba kuhle. Sekuko impawen ezinkulu ezixela ukuba aba bantu bafundiswa ubungesi. Yonke into ebisenziwa, bekungeko toliki, bayazivela isingesi. Umfundisi u Rev. W. J. Harter uteta nje apendulane nabo ngesi Ngesi. Site nqake kuba inyanga fanukuba zisesitatwini siqalwe esisikolo, ingati kusekhule. Akutandabuzeki ukuba abaya kubonela nge Kresmesi baya kuncoma inene yodwa. Wanyanisa umfo owayebeka ilitye lesiseko sendlu ye Hikolo se Ntombi e Ngushwa ukuti, akwaba kwakuhlale ngezizikolo zentombi kwamhla mnene. Esisikolo sipakati kwetu nje sisijongile ukuba sizixele njengezase Koloni. Sikwe saboniswa nemitongo eyenziwa zizo, sezinento eziyifundileyo. Nize nintmke Koloni.

